

# IMVO ZABANSTUNDU

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, DECEMBER 5, 1889.

[No.264

IXESHA LE BHOLA, 1889.

ABATSHATILEYO.

DYER NO DYER,

John J. Irvine & Co.,

BANQIKA into eninzi ye Mphahla ye Bhola, abayife dlakana ukuba ibonwe ; kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABA-ZINTLOKO.

KING WILLIAMSTOWN.

IBHATI.

Zika Lillywhite, Izipato ze Cane 16s Zika Cobbet's Cane Zonke 19s  
„ Ezilunge ngapezulu 21s „ Ezenziwe Speshele 25s  
„ Ezispeshele 21s Bartlett's ezi Double Cane 13s 6d  
„ Eziketiweyo 25s „ ezi All Cane 16s 9d  
„ Duplex Driver 30s „ ezi Kuncotula 19s 6d  
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s Zamadoda zoku praktisa 5s 6d, 8s „ I Eziyi Double Cane 17s „ Dove Tail (extra strong) 9s  
I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d.  
I-Stumps 5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiwe- Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo yo 4s 6d. ipindwe katatu 9s.  
„ „ extra strong 6s 3d. „ „ i Catgut „ 10s.  
Ezentsapo 2s 6d. „ „ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d  
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s

IZANDLA.

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope— ngolusu lwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha. Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and 9s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d.  
I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. In'tonga ze Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER,  
ABANENGUBO ZAMANENE,  
KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Slieleni zo mbini e pontini, amanani awodwa kule mphahla. Paula Mlesi!

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ingamanani angemakulu],

GRAHAM'S TOWN.

Saneke ltyali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2/d. yd. ' Imicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4/d. yd. Ezona Ntiobo zintsha ze Print, 3d., 4sd., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye. /blanket zoboya ziqala 51- inye. Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.  
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.  
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.  
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.  
ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.  
IHEMPE, 1s. inye.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi "Mvo" aze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye uyakubuyi ayinikwe isihleni ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.

Kwi Kosa ye Bathurst Street ne Church Square,  
GRAHAM'S TOWN.

Inyama ne Zonka.

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi

kwe ofisi ngase mcantcatweni.

MGIDLANA-NYOVA.—E Qutubeni, ngo 12 November, kutshatshwe u GAWUZELA MGIDLANA wakwa Makwababa no CAROLINE NYOVANE. Iqina libotshwe ngu sontombi, u Rev. E. Nyovane.—3it12,12

MONTAUNG-NEER.—Kutshatshwe ngu Rev. A. Faure wase Hertzog (Emhlangeni) u ISAAC M. A. MOTAUNG, ongu Mvangeliki kwa Komani, no HELLEN AGNES NEER wase Hertzog, ngo 22nd October, 1889.—4it19,12

Ababhuhileyo.

MADOLO.—Kwa Matole, ngo 15 Nov., 1889, kubhubhe u NKAU ogama limbi lingo MADOLO, umninawe ka Mhlambiso. Ugule intsuku zantlanu. Izihlobo zonke mazamkele lombiko.

Amatole Basin, November 27, 1889. 3it19,12

DUSE.—Emgwali kwi Farm eyi Garnet kubhubhe u MANCI DUSE, ngomhla we 9 ku October. Izihlobo mazamkele lombiko. 4it512

"ABAZELWEYO.

SHOSHA.—E Tsomo, ngo 21st October, u MRS. HENRY S. SHOSHA ufumene Unyana.—3it 5,12

KUFUNWA

ITITSHALA ezine Certificate, amalungu e remente yase Wesile. Abanjalo bangabhalela u REV. E. J. WARNER, 3it12,12 Mount Arthur, via Queenstown.

Isaziso kubo Bonke.

INTLANGANISO ye Bandla lase Wesile e Qonce ibisingete lento eyenziwa ngumzi Ontsundu, ovela kwindawo ngendawo, nsalisa indla yo Mfundisi kakubi. Lendawo Intlanganiso iti mayingenzeki ziko Indawo Zendwendwe, Ngomyalelo we Ntlanganiso ya Bakokeli base Wesile,

T. SAMBULA, Igosa lo Mjikelo. School Street, November 27, 1889. st.ad.12 90

Incindi Epitekeziweyo

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA, INGQELE, nazo zonke Izikhulane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGE BHOTILE.

Ngamanani Nanganye kwa P. GRAY, Chemist and Druggist, CAMBRIDGE ROAD, KING WILLIAMS TOWN.:

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo. Ngo NOVEMBER.

Ezimvula zikoyo zinoncedo kumlimi. Ngokukodwa lelona xesha lokuhlwayela I Cucumbers, I Vatala, Osenza, Omapuzi, i Tomatoes, i Rhubarb, yemboyi ezinqapelayo.

Kwane nyantambo ezinjenge Aster, Balsam, Candytuft, Cockscorn, Lobelia, Nasturtium, Portulaca, Petunia, Salpiglossis, Zinnia, Phlox Drummondii.

Kwanezityalo ezinjenge Coleus 7/6, 10/-, and 20 -ngedazine. Begonias 10/- to 15/- " Fuchias 7/6 to 10/- " [Ohwetu uhlobo]

OSENZA ne TYUKUMBA zipiwe amanzi.

Intyantyambo, zasebusika ezimaggabi awileyo, mazinestulwe, zomiswe, zeziq-shekwe entlabatini, kwindawo epolileyo.

W. & C. GOWIE,  
GRAHAM'S TOWN.

J. E. DEXTER

INGCIBI yemiti no Mlungiseleli wo Ku ngewaba. Ngezantsi kwesitora sakwa Aluveni. Kingwilliamstown.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s

IBHATYI „ „ —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d

I-Bhulukwe „ „ —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15B

Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, 1s 3d, 1s 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—is 6d, is 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinshwayo—2s 6d, 2s 11d, 3s 6s

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo) 7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand' ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5/d, 6d nge yadi

Izitofu ezibugqi—6d, 7/d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,  
u-ALUVENI.

YIZA KUBONA EYAKWA

BAKER, BAKER & CO.

IVENKILE YE NGUBO,

KAUKANGELE IMPAHLA ENINZI

Isuti ezimnyama nge 26/6

Isnti ezi Fancy nge 11/6

Isuti ze Serge nge 27/6

Ibhatyi eziyimi bbingo amanani ngamanani

Ibhatyi ezi Sydenham nge 6/- Ibhulukwe

ezimnyama nge 10/6 Ibhulukwe ezi Fancy

nge 4/6 Ihempe ezimhlope nezinamabala

nge 1/- ne 3/3

Iminqwazi elukuni ne tofotofo nge 1/6

Iveyile, Itepsana, Ikausi, Izihlangu, Shoes,

i Blankete, njalo njalo

Ibhulukwe ze KODI zingamanani amakulu

(amawaka) ziqalela kwi 5/- nganye

Yiza kulevenkile wozibonela nga-  
wako amehlo.

BAKER, BAKER & CO.

EQONCE.

## NGEZAZISO.

NGOMMISELO weli pepa, zonke izaziso, ezingento EZILAHLE-KILEYO, nabantu ABAFUNWAYO, ABAZELWEYO, ABATSHATILEYO, IMIBIKO, IMIVUMO, ITIMI-TI, kufuneka etumele nemali ositumelayo. SIFAKWE KATATU 5s., xa singe side.

## Iveki.

NGENXA yokubambezela e Adelaide komkombe eza ngawo i Ruluneli entsha, kafeke ucingo lokuba seinga fika ngo 12 December e Kapa.

O REV. B. S. DLEPU wase Bhai no Rev. E. Magaba wase Rini bagqite apa Egonce ngolwesi-Hlanu besingisa e Kamastone apo kumiselwe intlanganiso ye Komiti yase Wesile elngiselela ingoma zenoti zatnaculo elobandla e Sixhosa. Nge Sabata ezayo baya kubamba izikozzo apa e Qonoo, xa beyindlela ukuya kumakaya abo.

ELINYE lamafama alomandla we Qonce lichebe amabhali a 120 oboya, adle £15 nge bhali. Amadoda afuye igusha afumene izisulu nonyaka ngoboya.

LISELOKO liqatsela linyuka lona ixabiso loboya kumaito wase London. Kobungeveki egqitileyo bunyuke nge 1/2d ne 1d iponti.

IXABISO lenkabi ezitsalayo e Monti lihamba kwi £9 10s. kuye kwi £9 15s. ngenkabi. Kumsito wase Toleni, e Cumakala ihamile zihambe kwi 10s. ne 18s., inkabi zenkomo tide zaya kwi £12. Ixabiso legusha lihlike, namanani enyama seleqalile ukhuliswa.

U FAKU, omelele e Batembu e Palamente usand'ukwela kwela Besutu. Axixelayo ngelo zezokuba lizolile kuya linywa, kuya hlwayela kunene.

KUTE kwakuviwa ukuba bunyukile e London uboya bangena kunene kwa Dalawe Igrisi enyanga ntandatu ihambe kwi 8 1/2d ne 8 5/8d ngeponti, obhlanjwe emlanjeni ljid ngeponti. Siti sakava ezindaba singe ngesaba ngamafama endaweni yokujongana nale nkohliso yokushicilela abantu ama-pepa babe benga bangasikohlisa ngangoko banako.

U REV. FREDERICK MASON webandla lase Wesile ubuye e Ngilani ngomkombe oyi Roslin Castle, ofike e Kapa ngolwesi-Tatu lweveki egqitileyo.

UMANYANO . LWABAFUNDISI bomzi wase Rini lubongoza abapati balowumzi ukuba kubhuliswe onke amadungudwane akwi Lokeshoni yabantsundu apa e Rini.

E JOHANNESBURG kufunyenwe izidumbu amadoda amane antsundu kufupi nalandawo kwabulawelwa umlungu ongu Cook. Kucingelwa ukuba babulewe.

KUKO udaba lokuba u Nkanunu Tshambuluka unomsebenzi awunikwe liqela laba-boleki-mali e Krugersdorp, Transvaal, azakupuma ke kwesihlalo sake embusweni ngeso sizatu. Oke wayinqhina lonto kuye ngesiqu akafumananga mpendulo itsofileyo.

U HOFI (Mr; Theophilus Shepstone) uhlokomise ngegunya ukuba upelwise umbuso wase Swazini, sewuyekelwe kubatunywa be Nkosazana nabe Transvaal ukuba benze abakubonayo. Amaswazi wona afuna emi ngobuzwe bawo.

KUKO umfazi womlungu ofunyenwe e Bhai ngo-Mvulo ongapaya efele ekoyini, enenxeba lemela emqaleni, kucingelwa ukuba ubuyele emelweni.

NGOKWENGXELO Yompatiswa-Mfundo u Sir Langham Dale, abahloli zikolo bale Koloni, bazamanishe intsapo ekwi 13,000 ngalonyaka upelayo.

NGOKUWA kwendlu ebeyisakwiwa e Glasgow, kwenzakele abantu abamashumi matatu abebesebenza kwendlu ekufupi naleyo.

AMASLAMSI e Tekwini ashumayela unqulo Iwawo kuma Zulu. Ake indlu yokunqulula abamnyama.

IPEPA lomzana wase Dikeni liva ukuba kuko itenjanga lokuba sizakuvuswa isikolo sakwa Gqadushe e Xesi, nokuba ngati izakuba ngu Rev. Henry Kayser (umfo ka Gqadushe) wase Hankey umfundisi.

KUNE imvula ezimnandi kweli ukufa nokutwasa kweveki. Besezifuneka.

INTLANGANISO yokugqibela ye Gqogula le Siqingata yase Ngqushwa ibingo 19 Nov. yonganyela ngu Mr. P. Bailey. Igqibe ngecebo lika Mr. Elliott osekelwe ngu Mr. Lloyd ukuba kuqokelwe ukucelwa ku Ruluneli ukuba aqinisele Umfundo we Ifatu ye Zinja ngesaziso. Kwavunyelwa-na.

ENGAPAYA yayiyi Sabata emnandi Em. gqawabebe ka Dikweni, kusingetwe umcimbi wokuhanjiswa kwe Lizwi. Intshumayelo yahanjiswa ngumfundisi womjikelo wase Qonce u Rev. F. Mpinde ku Hez.: xxxvii, 4 watsho kwafudumala. Ukumka komhla ibe yintlanganiso ngamacebo okulihambisa ingu Mr. J. Tenge Jabavu esihla lweni watyilela umzi ngentsebenzo yemali ezizolelwa Iizwi, nokuba ukurofwa kwayo kulandelwa ngamatamsanqa. Ikokelwe ngo Mr. H. Gqobose no Mr. J. Ngcetane, no Mr. S. Sitela intlanganiso, yanikela kwatandeka. Owase Mgqawabebe wodwa umnikelo uthe xhaxhe nge £13.

KUMANA ukuxelwa ezokufunyanwa kwe Golide kwa Zulu.

IZULU libulele amakwenkwan amabini amnyama e Estcourt, Natal.

SIBE nosizi ukuya ukuba lemvula ayanelele ukuba kulinywe e Ngqushwa.

IYANTHATYA imofu e Humansdorp.

ITIMITI yapezolo yamanenekazi ase Qonce yokuhlanganisa imali yokumisa iqela le Tennis ipumelele kakuhle.

IGOSA lo Mjikelo we Wesile wase Qonce linesaziso kwelanamhla ngomyalelo wintlanganiso ukuba zipeze Indwendwe zaba mnyama, zendawo ngendiwo, ukugangata umfundisi endlwini yake lemihla. Lento iruqule.

SIVA ukuba ityala lika Richard Kawa wase Ngqushwa kutiwe ngu Mhluzi. Matyala maligqwetywe yi Mantyi, emnike inyanga 9 ngokubhala amagama abantu emtandazweni ngasese kwabo. Ubhenele ezijajini; umhlaba wake kukuba umangalelwe ngabanini madama na.

## Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, DEC. 5, 1889.

### KUBAHLORO BETU.

ABAPATISWA-MICIMBI ye-mali zelipepa le Mvo ZABANTSUNDU bakwelikulu isebenzi ukhlehle amagama omhlambi ongasayi tumeliyo intlaulo. Sezintyulwe izaziso ngentlaulo kubantu balomkondo, ezinye zisakulandela kuba awukafezwa umsebenzi wokuhlela. Mhla ugqityiweyo umsebenzi wokuhlela, sicinga ukwuhlokomisela umzi wonke amagama eliqela lisihlininikisayo. Lomhlambi sililanga wo usingenise ekuxakekeni okukulu.

Usingenisa kwenkulu indleko, utembisa ukusinceda ngentlaulo emi-siweyo; siti ke siwenzele ipepa landaba nelokunceda izizwe mnyama

wokuzibuzela kwezinye kwanetuba lokuba abamnyama beli lonke libanzi bazame inmvisiswano. Kuti xa ingafiki ngexesha lomnqopiso sibanyamezele abantu bakowetu sisiti siya bavela, siyabanceda; kodwa njengokuba sikangele ngoku ezalona zigwinta ezingenabuyambo zomsebenzi siwupatele umzi wonke omnyama ngababantu sibe sibanyamezele amaxesha amade. Abantu abasenze lento imbi kunene, ngabantu abesibakumbulele nje ngoko wobona umzi mhla siwahlokomisayo amagama abo. Impi e Bafundisi, nengo Titshala; amadyakeni—abashumayeli nabakokeli—nezinonopu ezimagama azukileyo kulomzi wakowetu, namadodana abekunjulelwe ukuba awangengene enkhohlisweni—lemikondo ayiswelekile kumagama aselepaulelwe ngaba bhali-micimbi ye Mvo ZABANTSUNDU. Bayazazi njengokuba sibazi esiyibhekisa kubo lenteto. Inxenye yabo sesiyitumele ngeposi izaziso ezizyalatayo; inxenye siseza kuyitumela. Saye sivakalisa ngokucacileyo kwizaziso ezo ukuba siyawasika amagama omzi oboniso sayo ukuba uyasinyanzela ukuba sipelwelele kwutemba, saye siya kuwupata ngezinye indlela. Abanye balomhlambi batumela inteto zamadinga: asisena kuzikolelwa, ngapandle kokuba ziza nokozo lokulandula kozilandulelayo. Abahlaleki yinteto abasenzisi, nebhaniki esinyanzeleka ukuba siboleke kuzo ngokungafiki kwezitembiso zeliqela, zaye nento elihanjiswa ngazo ipepa eli zingatengeki ngeneteto. Siyawubongoza umzi osakwelwa IMVO ukuba usivele ngezindawo. Amapepa abatumele izitembiso zodwa, zingapandle kwesinyaniso nesesiqingata semali, singa singati aya kunqunyanyiswa nje ngoko sekwazisiwo. Okululwa kodwa ifikile into yokuwahambisa. Lomzi siwurorelayo sowunika ituba ukuba ufeze imfanelo zawo ngaye u December lo. Kakade abafezileyo amagama abo aya kupuma kumqulu esiti kule ofisi yetu ngoma mahlohla-mpalo ” — “ amabhadlalala ” — abantu abazwi sekunzima ukuba silitembe.

UWUNCEDILE umzi u Mr. Philip Gray, umpitikezi-mayeza walapa e Qonce, ngokwuvakalisela bonke kwi Mvo umchiza anawo wokohlelo, izifuba imiqala ebuhlungu nezinye izifuzo ekuhamba zibangwa kungenwa yingqele. Umhlabi wlamacapa uke wawullung, kowake umzi wawulung uncedo kwabakulu nakwabancinane. Umzi ongenamali yokuya kumagqira ufumana uncedo olukulu kunene kumayeza anjengala o Mr. Cook, no Mr. Gray namanye.

AKUYIYO into elula kuti ukufumana ingxelo zehambiso ye Lizwi le Nkosi pakati kwengqimba ngengqimba zabamnyama abapeshya kwe Ligwa. Kusivuyisile ke ukutubisana namapepa ese Transvaal nengxelo yentlanganiso yaba Fundisi base Wesile beso siqingata ebise Johannesburg ngo 11 kwada kwango kwefilevo. Kulengxelo sifumana ukuba inani letyalike limi ku 46, ezinye indawo ekuhanjiswa kuzo inkonzo 96 — zizonke 142. Abasebenzi ababhatlwayo (ngapandle kwatna Ngesi): Abafundisi abamnyama 7, Abavangeli 15, Itishala 25 — bebonke 47. Abangahlawulwa 187, abashumayeli 161 — bebonke 348. Amalungu azeleyo 2,297, abasekulingweni 620 — bebonke 2,917. Intsapo yesikula se Sabata 2,438; eyese mini 1,101. — Kugqitywe kwelokuba kulungiselelwe umsebenzi ye Lizwi kwabamnyama e Johannesburg ngumfundisi omhlophe wakona — Ngesicelo sabafundisi abamnyama kuntyunye abafundisi ababalulweyo ukuba bayekwaneka kumbuso imfanelo yokububandeza ngokunye utywala kwabantsundu. Kubhekiswe isicelo e Ngilani ukuba uqutywe ngamandla, kwindawo ezintsha umsebenzi. — Babuwe ngoluhlobo abafundisi (ababalulwa abamnyama), Kilnerton — Rev. Owen Watkins (umongamele), Pretoria — Rev. J. Underwood, Johannesburg, Revs. G. Weavind, R. F. Applebe, G. S. Sheldon, (owabantsundu) Rev. F. J. Briscoe, Potchefstroom — Rev. T. H. Wainnan, Klerksdorp — Rev. I. Shimm, Zoutpansberg — Rev. G. Lowe, Wakkerstroom — Rev. G. Blencowe, Robertson — Rev. G. Benson, Mafikeng — Rev. A. S. Sharpe. Abafundi be Mvo abapeshya kwe Ligwa sebengasinceda bona ngezokwabwa kwabamnyama Abafundisi.

I-Almanak ye “MVO” yo 1890.

SIPAKATI kokulungiselela ipepa lonyaka ngoku. Kakade akuko nto siya kuyishiya ngapandle ebinga banga ukuba le Almanak yabamnyama igqibelele ukulunga. I-Almanak siyikupa njenge bhaso lonyaka kubahlobo beta abasixhasayo kulomsebenzi

unzima. Siyazi ukuba kuko into eninzi ezimisele ukungena pakati kweqela elamkela IMVO ZABANTSUNDU ukutwasa konyaka omtsha. Ukuze ibe nokutyulwa i Almanak lempi singayicebisa ukuba iwangenise kwangale nyanga amagama, kuba kuya kushicilelwa inani elilingene amagama akoyo. Kwangokunjalo luyayalezwa udid o sewazisiwe ngokusikwa kwamagama alo ukuba alusabalelwa nanini labancedisi, luse lungene kuluhlu Iwabathonisi beli linga silenzela izizwe ezimnyama. Abalomkondo sebengazinceda — nati basincede — ngokubonakalisa abanako ngayo lenyanga ka December ukuze babe nokufumana i Almanak nabo.

## Amanqaku.

U Miss CARTER wase Japan, ubalisa ngomfazi otile walapo e Japan, owayezise usana kuye, ezokucela ukuba lugcinwe ngu Miss Carter lowo, Eljinenekazi lase Japan lati “ Lomntwana ndinizisa kuwe kuba u Tixo wenu Magqoboka kupela ko Tixo ofundisa ukuba kunyanekelwe abantwana abancinane.” Lomntwana ucolwe lelilenekazi elahlwe eludakeni ngabazali bake, bebangelwa kukudaniseka ukuba besuke bazale intombi.

E MACFARLAN ngolwesi-Tatu ngokuhlwa ngomhla we 27 ka November, bekeko intlanganiso yokuxoxa ngoselo. Akuko ndawo ifuneka kuyo ngapezu kwase Tyume, indawo leyo ebonakele nangokungabiko kwabantu. U Rev. Mr. Mzimba wase Lovedale wenze inteto elusizi kakulu elihlabe kakulu eloqelana belikona.

INTO enkulu epitizelis i abantu base Tyume yintlanganiso eyakubalo ngomhla we 12 ku December, yokutza kuxoxa ngosicelo sase Dikeni sokuba impy yase Macfarlan ipatwe e Dikeni ipume e Qonce.

ABATUNYWA - KOMKULU ngomcimbi wonxilo bebese Rini ngo-Mvulo nangolwesi-Bini. Ukusuka kona bayakuba kwezindawo ngokulandelaya kwazo: — E Bhofolo, Engqushwa, e Xesi (kwa Rama), e Qonce, nase Romani. Into ebifuneka kwimimandla elunge nati bamnyama, kukuba uzamazame wonke umzi bakutika abantunya. Bekungatandeka ngakumbi obomvu bangasali abafazi. Ngokwenjenjalo sipelisa onke amacebo okugixota iramncwa (ngabula nto ka Bhuluneli). Umbunga umzi ungalahla ucwabile uhlophle ukuyiquba inteto yawo ku Batunywa. Rambe ngo Mr. Justice Maasdorp (Umongamele), lion. A. Wilmot, M.L.C., Hon. R. P. Botha, M.L.C., Messrs. J. S. Marais, M.L.A., B. H. Holland, C. C. R.M., Rev. Nendick Abraham, no Hon. J. H. Hof-meyr, M.L.A.

KWESIKA-KAMA sivuyisiwe kukuba ukuba seyike yako intlanganiswana yokuhluzela inteto nokulungiselela ukutika kwa Batunywa kona. Kubuleleka oko. Intlanganiso yoluhlobo ibiko e Rini, ngobusuku ba 21 November. Kunconywa ubumandni bayo. Atata ngamazwi abuhlungu amadoda, esiti onke ingalitamsanqa elikulu ivaliwe ihambara yotywala pakati kwawo. Umzi umoya- mnye ngalendawo. Linjala elomani d'la wase Rini.

UWUNCEDILE umzi u Mr. Philip Gray, umpitikezi-mayeza walapa e Qonce, ngokwuvakalisela bonke kwi Mvo umchiza anawo wokohlelo, izifuba imiqala ebuhlungu nezinye izifuzo ekuhamba zibangwa kungenwa yingqele. Umhlabi wlamacapa uke wawullung, kowake umzi wawulung uncedo kwabakulu nakwabancinane. Umzi ongenamali yokuya kumagqira ufumana uncedo olukulu kunene kumayeza anjengala o Mr. Cook, no Mr. Gray namanye.

AKUYIYO into elula kuti ukufumana ingxelo zehambiso ye Lizwi le Nkosi pakati kwengqimba ngengqimba zabamnyama abapeshya kwe Ligwa. Kusivuyisile ke ukutubisana namapepa ese Transvaal nengxelo yentlanganiso yaba Fundisi base Wesile beso siqingata ebise Johannesburg ngo 11 kwada kwango kwefilevo. Kulengxelo sifumana ukuba inani letyalike limi ku 46, ezinye indawo ekuhanjiswa kuzo inkonzo 96 — zizonke 142. Abasebenzi ababhatlwayo (ngapandle kwatna Ngesi): Abafundisi abamnyama 7, Abavangeli 15, Itishala 25 — bebonke 47. Abangahlawulwa 187, abashumayeli 161 — bebonke 348. Amalungu azeleyo 2,297, abasekulingweni 620 — bebonke 2,917. Intsapo yesikula se Sabata 2,438; eyese mini 1,101. — Kugqitywe kwelokuba kulungiselelwe umsebenzi ye Lizwi kwabamnyama e Johannesburg ngumfundisi omhlophe wakona — Ngesicelo sabafundisi abamnyama kuntyunye abafundisi ababalulweyo ukuba bayekwaneka kumbuso imfanelo yokububandeza ngokunye utywala kwabantsundu. Kubhekiswe isicelo e Ngilani ukuba uqutywe ngamandla, kwindawo ezintsha umsebenzi. — Babuwe ngoluhlobo abafundisi (ababalulwa abamnyama), Kilnerton — Rev. Owen Watkins (umongamele), Pretoria — Rev. J. Underwood, Johannesburg, Revs. G. Weavind, R. F. Applebe, G. S. Sheldon, (owabantsundu) Rev. F. J. Briscoe, Potchefstroom — Rev. T. H. Wainnan, Klerksdorp — Rev. I. Shimm, Zoutpansberg — Rev. G. Lowe, Wakkerstroom — Rev. G. Blencowe, Robertson — Rev. G. Benson, Mafikeng — Rev. A. S. Sharpe. Abafundi be Mvo abapeshya kwe Ligwa sebengasinceda bona ngezokwabwa kwabamnyama Abafundisi.

AKUYIYO into elula kuti ukufumana ingxelo zehambiso ye Lizwi le Nkosi pakati kwengqimba ngengqimba zabamnyama abapeshya kwe Ligwa. Kusivuyisile ke ukutubisana namapepa ese Transvaal nengxelo yentlanganiso yaba Fundisi base Wesile beso siqingata ebise Johannesburg ngo 11 kwada kwango kwefilevo. Kulengxelo sifumana ukuba inani letyalike limi ku 46, ezinye indawo ekuhanjiswa kuzo inkonzo 96 — zizonke 142. Abasebenzi ababhatlwayo (ngapandle kwatna Ngesi): Abafundisi abamnyama 7, Abavangeli 15, Itishala 25 — bebonke 47. Abangahlawulwa 187, abashumayeli 161 — bebonke 348. Amalungu azeleyo 2,297, abasekulingweni 620 — bebonke 2,917. Intsapo yesikula se Sabata 2,438; eyese mini 1,101. — Kugqitywe kwelokuba kulungiselelwe umsebenzi ye Lizwi kwabamnyama e Johannesburg ngumfundisi omhlophe wakona — Ngesicelo sabafundisi abamnyama kuntyunye abafundisi ababalulweyo ukuba bayekwaneka kumbuso imfanelo yokububandeza ngokunye utywala kwabantsundu. Kubhekiswe isicelo e Ngilani ukuba uqutywe ngamandla, kwindawo ezintsha umsebenzi. — Babuwe ngoluhlobo abafundisi (ababalulwa abamnyama), Kilnerton — Rev. Owen Watkins (umongamele), Pretoria — Rev. J. Underwood, Johannesburg, Revs. G. Weavind, R. F. Applebe, G. S. Sheldon, (owabantsundu) Rev. F. J. Briscoe, Potchefstroom — Rev. T. H. Wainnan, Klerksdorp — Rev. I. Shimm, Zoutpansberg — Rev. G. Lowe, Wakkerstroom — Rev. G. Blencowe, Robertson — Rev. G. Benson, Mafikeng — Rev. A. S. Sharpe. Abafundi be Mvo abapeshya kwe Ligwa sebengasinceda bona ngezokwabwa kwabamnyama Abafundisi.

Aka Rev. John Bennie, 47 Ngala:— 2, 3, 4, 5, 8, 9, 10, 12, 13, 14, 15, 16, 20, 23, 25, 29, 30, 32, 40, 41, 46, 48, 51, 54, 56, 58, 63, 64, 66, 67, 69, 70, 71, 72, 73, 76, 85, 95, 97, 99, 101, 114, 115, 141, 155, 161, 173.

Aka Rev. John A. Chalmers. 32 Ngala:— 18, 74, 75, 77, 79, 80, 81, 82, 83, 84, 87, 118, 120, 124, 129, 130, 131, 1, 37, 139, 144, 162, 205

Aka Rev. Tyjo Soga. 23 Ngala:— 22, 31, 39, 44, 47, 49, 52, 55, 58, 78, 88, 101, 103, 113, 123, 171, 184, 186, 187, 200, 202, 207, 212.

Aka Rev. Robert Niven in Nerala:— 11, 24, 28, 43, 65, (98), 100, 146, 174, 175.

Aka Rev. H. H. Drumgore 6 Ngala:— 6, 38, 50, 119, 197, 199.

Aka Rev. Richard Birt 2 Ngala:— 34, 132.

Elika Rev. Bryce Ross 1, lele 153; elika Miss Ogilvie lele 182; nelika Ntsikana lokuqala.

Lencazo isekwe pezu kobungqina buka mfikazi u Mrs. Kayser, intombi ka Rev. John Bennie. Ndingavuyela ukuba abanento abayaziyo ngalendawo bayixele e Mveni, bati nokuba kuko indawo endiyi posileyo bandibonise. Lendawo mna inkulu, kuba abafundisi betu abadala baya dula, sebe mbalwa abakoyo, ngoko ke siya kutanda isizukulwana esizayo ukwazi ukuba basenzela misebenzi minina. Bobona abalesi ukuba amaculo angena baniniwo anga 95.

kono ngenye imini apa lilala ngokuti izinto zibuya umva. Olubuy umva sifunukuti sikolwe lulo tina lunga lungepele. Uti umhlobo wetu pakati kwenteto ende.—“ Ne netevu ngokwazo kubonakala ukuba zivene nama Yuropi ukuba amapepa anganikwa micimbi ushushu wakuxoxo-abagqiti namteto, okanye abenzi nkohlakalo ipokeleyo ifanelwe kubalwisa; ngazwinye abasakolisi ngokuba ngoko. Bayatumekelela ukhulahlala irafu. Ngati nokusela kusate nqumama, singazi nokuba kwenziwa kukuba u Chief Kama ebeye kwintlanganiso yase Cradock sinina, nokuba kukuba kuzakufika abantunya ngotywala. Mcinjana ubapitizelisiyo ngulo werafu yezinja asingewupati ke wona kuba sosolwa macalana onke kutiwe akoko zindaba emapepeni.” Esinalo tina leli; okukuzola komana kuko ngalo lonke ixesha nmbuso ungasipitizelisiyo, namapepa endaba abamhlope angasituyiyo.

BEKE kwimiqolo yenteto yama Ngesi sadlokovisana nowetu ipepa lase Komani ngecebo ebelingeniswa lixhaswa lelopepa kubapati bomzi wakwa Romani, kusitiwa makati ontsundu ondwendwela ilokeshoni yakona nangokufuna umsebenzi arafiswe Is. Gd. Elicebo kutiwa lellokuxota. amadungudwane. Rusi-nqabele ke, kuba amadungudwane awangebe nakuhlala. Ibonakele kuti lemali iyeyokuhlalisa kakubi abantu abanezimilo abafanelekileyo abangaba bahambela ibizinesi, batike bahlale kubahlobo babo e Lokeshoni. Sivuya ukuti kwintlanganiso yabapati bomzi lifike elicebo lachaswa ngumhlobo owazekayo wabantsundu u Mr. Crouch osekelwe ngu Mr. F. Beswick. Alipumelelanga ke icebo clo. Isuke ke ngoko i Free Press yasiyumela ipulo iti izimvo esizanelekileyo ngalomcimbi asizamzi untsundu zezombhali kwapele. Ingaba yinteto yamawetu ase Romani na leyo? Ukuba iyoy ebananina akusitumela ezona mvo zabantsundu. Tina ukubhala kwetu sisuke sazibeka kwindawo yamawetu ahambela ibizinesi e Komani safumana eyakuba semngeipekweni.

## ROUXVILLE, O.F.S.

[EHPHRAIM NKOPANE.]

IMVULA

ine kamnandi apa, ilizwe lihle, utyani buyahluma, ingwelo yimirozo ukuya e Gold Fields, nempahla iyatyeba, yonke into iya dloba.

U NONDALA

obebaleke nentombi ye Bhulu bevela kwelicala langase Filipofisi, unikwe inyanga asebenze nzima kule ofisi yalapa ngokusuka ahambe engena Pasi; waba ke uyahlulwa nomfazi wake lowo ote yena waputunywa ngabazali yasala ento- longweni indoda leyo.

TEA-MEETING.

Umhla wolwesi-Bini, ng 19 November, ibiyi Timiti etyalikeni ye Primitive Methodist apa, yama Temple ne Band of Hope, yesikumbuzo sokupela konyaka wesibini lasekwayo elibandla apa, ate u Rev. W. N. Somngesi oyi True Templar yelibandla, ne President ye Band of Hope, wanika

ISIYALO

asitabatele kwincwadi ye Mibalo xiv : 9, \* U Yehova unati, ngawoboyiki, njalo- njalo. Ate ke wabonisa ubunzima ebesebabo pakati kwalyonaka kuntshaba zozilo, nokoyika ebesebabo ukucingela ukuti lomsebenzi uza kutshabalala ngexxa yentshaba zetu, wati ningazoyiki u Yehova unati; esiti tina sisicentamsanqa base Free State kuba umteto awu- yumeli, ukuba sitengisekwe utywala kanti e Koloni buvuliwekwabwa Ntsundu, esiti uyakolwa ukuba amanchwaba abangwe butywala angapezulu kwawabantu abalele emkosini ngamaxesha emfazwe. Kwalandela o Messrs C. Rooi, M. Lebakeng, P. Selhogo nabo babhekise kwangalomsebenzi wozilo esihlangene ngawo. Kute nge Cawa, 24 November, kwafika u Rev. J. Mskinvwa obezokunika umtendeleko. Oteleke kwakwesi sivalo nxa ebesiumayela kula mazwi ati: “Ungoyiki ngokuba bebaniziz abanati pezu kwaba nabo,” 2 Kings, vi: 16.

## Amaculo esi Xhosa.

[ISAAC WAUCHOPE.]

Kuko umbuzo ohlala ubuzwa ngama culo ase Rabe ukuba abhalwa ngobanina. Andazi nokuba kunganina lento angaxe wayo ababhali bawo, lalo azwayo. Ndike ndazama ukulanda ukuba ndinga bafumana na, ndaza ndafumana aba ndibaxele ngasezantsi. Kuko into eni- nzi yamaculo angena baniniwo enditi fan ukuba atatyafwe kwezinye iwadoni. Ekwandeni abaniniwo afi 124 kunye nelika Ntsikana.

Aka Rev. John Bennie, 47 Ngala:— 2, 3, 4, 5, 8, 9, 10, 12, 13, 14, 15, 16, 20, 23, 25, 29, 30, 32, 40, 41, 46, 48, 51, 54, 56, 58, 63, 64, 66, 67, 69, 70, 71, 72, 73, 76, 85, 95, 97, 99, 101, 114, 115, 141, 155, 161, 173.

Aka Rev. John A. Chalmers. 32 Ngala:— 18, 74, 75, 77, 79, 80, 81, 82, 83, 84, 87, 118, 120, 124, 129, 130, 131, 1, 37, 139, 144, 162, 205

Aka Rev. Tyjo Soga. 23 Ngala:— 22, 31, 39, 44, 47, 49, 52, 55, 58, 78, 88, 101, 103, 113, 123, 171, 184, 186, 187, 200, 202, 207, 212.

Aka Rev. Robert Niven in Nerala:— 11, 24, 28, 43, 65, (98), 100, 146, 174, 175.

Aka Rev. H. H. Drumgore 6 Ngala:— 6, 38, 50, 119, 197, 199.

Aka Rev. Richard Birt 2 Ngala:— 34, 132.

Elika Rev. Bryce Ross 1, lele 153; elika Miss Ogilvie lele 182; nelika Ntsikana lokuqala.

Lencazo isekwe pezu kobungqina buka mfikazi u Mrs. Kayser, intombi ka Rev. John Bennie. Ndingavuyela ukuba abanento abayaziyo ngalendawo bayixele e Mveni, bati nokuba kuko indawo endiyi posileyo bandibonise. Lendawo mna inkulu, kuba abafundisi betu abadala baya dula, sebe mbalwa abakoyo, ngoko ke siya kutanda isizukulwana esizayo ukwazi ukuba basenzela misebenzi minina. Bobona abalesi ukuba amaculo angena baniniwo anga 95.

[NGU M'BHALELI WETU.]

Nge 9 November kwi “ Training Society ” u Mr. Isaac Wauchope ufunde ipepa lake elinge “ *Kafir Proverbs and Figures of Speech.* ” Ulihlekeise kakulu ikhaba xa abala izilo nyemakazi eku-fanekiswisa nazo umntu xa kutetwa nge imilo sake. Wati um Xosa uti akukohlwa ngamazwi amafupi okuxela u uvo Iwake ngento, ayifanekise nesilo—hayi, ade ati useso silo. Ukuba umntu lime-nemene, libedengu, njalo-njalo, unqumla umntu ngokuti *inyokha*, abe ugqibile. Ukuba livimba, unolunya, ungcolile, akana neeba—kutiwe *inyja*. Ifikelelo elolike zonke ezonto. Ukuba yindoda eveneyo, eyenza imise

EMAQWATINI.

ILITYE LEMBOMBO.

Ngo 11 September, kwabekwa ilitye lembombo, letyalike yase Nyanga (All Saints), ngu Mr. Stanford. Umsebenzi uqutuywe ngu Right Rev. Bishop Key, D.D. Abafundisi ababeko ngaba—Archdeacon Gibson, Revs. Canon Waters, (Paris Priest of All Saints), E. L. Coakes, St. Marks ; Peter Masiza, St. Marks; W. Y. Stead, Butterworth; no E. Nyovane, Qutubeni. Kubashumayeli yayingo—Messrs. P. Lokwe, Mayekiso, J. S. Dugane, &c &c. Kumanene abalulekileyo ndapaula u A. H. Stanford Esq., W. J. Clarke Esq., Alex. Phillips Esq., Messrs. A. Bali, L. M. Rhai, J. Macozoma, H. Mdeleleni &c. Yagalelwa ke imali ngama Yuropu, nangama Afilika. Eko u Nkosi Langa. Layeliko neroti elikulu lasema Qwatini Sioza Bona. Isakiso eso sesamatye, siko khete ummango, sikulu kanye. Abantu yaba yinkungu nlanga — Evumisa u Mr. Alfred Mhlambiso.

UMGCOBO WEZIKOLO.

Ngo 28 September, kwadityaniswa intsapo zezikolo zasema Qwatini, esase AU Saints, (Teacher, Joel S. Dugane), sipetwe ngu Mr. S. Y. Gasa, i Assistant Teacher, nesase Qutubeni, sika Mr. E. Nyovane, nesase Cengcu, sika Mr. F. Dazana. Umgcobo lowo wabakwa Headman Lwana Mnyengezi, e Qutubeni. Ekubalekeni laqwela i Qutuba, lalande- Iwa yi All Saints. Engomeni laqwela ixegwazana (All Saints), kwamnandi kanye, kuba leza kubonakala ukuba libaxhalele abantwana balo u Qutuba no Cengcu. Nge "Citation" laqwela i Qutuba, Samncoma u Nyanga-Ntatu (Mr. Nyovane) ukuti esafika ago kubenje. Ngobuhle bomsebenzi wonke, sayincoma intombazana ye xegwazana engu Cengcu. U Mr. Dazana akabanga lusizi ukufaka engxoweni yake amabhaswana esincoma kumanene atile.

IMVULA.

Elokupela imvula apa ina njengokwe mihla ka Noni ka Nkavana.

NGE VOTE

Inye into embi apa ema Qwatini, ivoti, ukungeniswa kwamagama asinto inyaneyekelweyo, ngapandle kwempi yase Roda. Ngekungeninani ukuba ngamaqaba odwa angayikataleleyo, akwanjalo namatymka? Abashumayeli be voti, bade bati, konyamelekela i Gomora ne Sodom, kunesisizwe ngemini embi.— SWELINKOMO.

Nge Rafu ye Zinja e Ngqushwa.

Ifikile incwadi (ekungaba ipendula u Mantyi na, nokuba kuviwe ingxolo ye Journal Komkulu), ivela kona isiti Inkosi mazihlangane ne Bhunga lalapa ngalomcimbi, konke na kupakati kwe Nkosi ne Bhunga. Mazibiza Inkosi u Mantyi, zifikile uzixelele oku, wati liya kungena nge 13 November, 1889, apa e Office, zenibeko, noko ningasayi kunceda nto kuba i Bhunga linamadala oku- kuma imiteto esiqingateni apa. Zite Inkosi: ngaba sisaya kufuna ntonina pofu apo singayi kuba sanceda nto? Ute zeniyi noko nina kaloku nitunyelwe kona pambili. Kwahlukenwe. zagoduka, zibe kwelokuba zihlangane ngamini itile ngalento. Zadihana ke zonke, zaqulunqa eliti masiyi ku Mantyi kanye sityi sika kuhlala, tina asipantsi kwa Bhunga lala mafamana ate ntaluntalu apa e Ngqushwa, sipantsi kuka Rulumente mnye, ekurolwe wena nguye ukuba uxele into ayitandayo nangayitandiyo, ngazwinye, ukuba wena usigcinelle ezintanjeni za'ke. Ziyile ute: Yabonani, kulungile ukuba niye kaloku kulontlanganiso, ukuya kuyo asikuko ukupakamisa yona, kukwenza izwi lika Rulumente ate yiyani; yenanzi njalo ke. Atsho ati namhla kanjalo lento ingati iya kulunga ukuba niyala kuba anikarafi nabani, akunje ngami Dushane (namhla wakangela Imvo ezinewad ini eteta ngoku); kanjalo lompi nitunywa kuyo imaqela mabini, nogalela kwabati mawungemi ube ngu mteto, nam andiwufuni noko. Lufikile usuku kune imvula kunene, kubonakale ingakwazi ukubako intlanganiso, benge-ko wena ngenxa yokutintelwa yimvula. Kwase kusitwa iya kuba nge 13 ku December, 1889, ngolwesi-Hlanu. Yeka limaxongo ngalento. Endilishiyayo lika Gweba ute: Maze nize nkonke nabantu benu ukubonakalisa ukungawuvumi lomteto; kanjalo nendlela yokungena noyixelelwa ndim, ndakubhalela ku Nobhala we Bhunga ukuba ze ibe yeyo-kuqala lento yenu.

KUBABALELI —J. J. J. (Herschel), — Utumele ixesha seligqitile angaba noncedo ngalo kuni amapepa okubanga ivoti kwabashiyiweyo ngababhali. Sewulala ngenxeba Re nkabi.

OFUNGELE UKUNYUSA UHLANGA. — Yinto angeleyenza bonke abahlolo belipepa, le ayiya ibaliswa ngumnumzana wase Mtata ngomhlobo wetu omdala u Mr. John Bidli. Ngo-Mggjibelo sifumene lencwadi—" Sir,— Ndifuna ukuba igama libhalwe, nd bengo- mnye wabadabati bepepa lako, kuba ndiba. ngaboloka ku Mr. J. Bidli angavumi, ati tina asivumi nkunyusa uhlanga Nam sendiqumbile, ndikucela ke Mhleli we Mvo ukuba unditumele kuqala ndilibone kuyo leveki izayo. Andinamazwi maninzi oku- teta; sendiyakukangela ipepa elo loko ukufika kwalo kum. Mandingakulibazi. Ndim &c." Siyambulela u Mr. Bidli ngesisenzo sake asenzele uhlanga lwakowabo.

